



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

2015

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iiyure

Olu viwo lunamaphepha ali-13.

IPHEPHA LEMITYALELO NEENGACISO

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:
ICANDELO A: Isicatshulwa (30)
ICANDELO B: Ushwankathelo (10)
ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (30)
2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
4. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.
5. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwendlela ezinonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
6. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.
7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakiwo lwezivakalisi.
8. lingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:
ICANDELO A: 50 imizuzu
ICANDELO B: 30 imizuzu
ICANDELO C: 40 imizuzu
9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: ISICATSHULWA**UMBUZO 1****ISICATSHULWA A**

1.1 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

AMALUNGelo

- | | | |
|---|---------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|----------------|
| 1 | Kulungile ukuba umntu alilwele ilungelo lakhe ngakumbi xa eqonda eqinisekile ukuba kukho umntu okanye abantu abaxabileyo, bezenza umqobo phakathi komntu lowo nelo lungelo. Abantu bangaphoswa ngokupheleleyo ngamalungelo abo ukuba bangahlala nje belulamile bengazenzi iinzame zokufumana loo malungelo. Iyenzeka ngamany' amaxesha into yokuba abantu bade bawafumane loo malungelo abo noxa bengawalungelanga nje. Ukulwela ufumane ilungelo yinto efan' ukulungelwa. Ukulwela ufumane ilungelo ongalilungelanga kuyafana nqwa nentwanazana eziqamangela ngencebeta ingekafikisi okanye umntwana oneminyaka emine ohlala emva kwevili lokuqhuba inqwelo-mafutha. Ilungelo lilunge kakuhle xa lifika kumntu onemfanelo yalo kungabi ngathi kunxityiswa umntwana oneminyaka emihlanu ibhulukhwe namaquza kayis' omkhulu. Umntu obasisinxada-nxada elwela ilungelo elingamfalenelanga, elo lungelo alimenzeli nto, uye afane nomntu obandeza ichitywa engaliqabi. | 5
10
15 |
| 2 | Impazamo iyenzeka ukuba umntu acinge ukuba into elilungelo lakhe iyimfanelo yakhe ubomi bakhe bonke naxa loo nto ingasamenzeli nto. Indoda eyaziwayo nehlonitshwa ngokuhlafuna amahleza ingayenza impazamo yokufuna ukulawulwa ngamahleza naxa sele iphelelwe ngamazinyo. Umntu unalo ilungelo entweni ngalo lonke ixesha esenabo ubulali nobungcali bokulilondoloza elo lungelo. Indoda ayithi yakusweleka ingcwatywe nemfuyo yayo kuba ililungelo layo loo mfuyo. Akho amaxesha okuba umntu ohlukane namalungelo akhe nokuba ebesele ewathanda kangakanani na loo malungelo. | 20 |
| 3 | Phaya ezilalini ungafika kukho amasimi alele ifusi agqityelwa ukulinywa ngoNoquku. Xa unokuya kubanini nakubanikazi baloo masimi ngeenjongo zokucela ukuba uwakhululelwe ukuze uwakhubele uwalime abanye babo bantu ungafika belugcwabevu ngumsindo bekubona njengomntu ozimisele ukurhwaphiliza amalungelo abo. Omnye angade akuxelele ukuba loo ntsimi seyililungelo lonyana wakhe omkhulu. Indod' enkulu ingatsho, ubokuqiniseka ukuba sele iqamele ngamaqhetseba. Ukuba unokuphanda ngaloo nyana wayo omkhulu ungafumanisa ukuba loo mbabala yolwantunge yaya kutshona tshwaa eKapa apho itshiphe khona kwaye kungekho nethemba lokuba iya kuze ibuye naxa sekubhujawe. Abantu bayakwazi ukuwakhusela amalungelo abo bengakwenzi oko ngenxa yokuxabisa nokukhathalela loo malungelo, koko ngenxa yokulawulwa ngumona osele ulelona lungelo labo libalungeleyo. | 25
30
35 |

4	Ilungelo lingayiyo ingozi kulowo othe ntii ingqondo kukuba nelungelo kodwa emfamekile kukungalifaneli elo lungelo alifuna ngamehlo abomvu. Omnye umntwana wenkosana ethile waswelekelwa nguyise eselula kakhulu. Kweso sithuba sokuphatha kwabanjiswa unina. UMabhozo uthe xa aneminyaka elishumi elinesihlanu wahlebela unina ukuba mdala ngokwaneleyo yaye kulilungelo lakhe ukuphatha. Unina wazama ukuyigalela amanzi loo nto ngelithi urheme makakhe aqinise noko emfundweni kuba ukuphatha abantu abafundileyo engafundanga akwahlukanga kuyaphi kwimfama ewa ivuka iceba ukukhokela abo banamehlo. Wayesiya kweso sikolo unkabi engananzanga nto ngazifundo zakhe kubonakala ukuba kuloo magumbi okufundela usekhefini lokulindela ukuba ade afikelele kwixesha elamkelekileyo lokuphatha.	40 45 50
5	Umfan' omdala uthe xa aneminyaka elishumi elinesixhenxe waphum' izithuba akafuna nokuva efun' ilungelo elisisithuba sakhe asishiyelwa nguyise ngokubhubha. Unina wanqanda amahayi-hayi engathandi kodwa wagoba uphondo. Ngomhla amiliselwa ngawo njengenkosi uMabhozo wayalela ukuba kuwiswe iinkabi ezintathu zeenkomo kwezo zazishiywe nguyise, bancoma abantu besithi bayaqala ukudibana nenkosi enobuntu. Waba negugu umfana esiva amantyontyelo. Kungentsuku zatywala emva kwetheko abantu abanengqondo bahlunguzelisa iintloko besithi, 'Ayibi nje into xa iza kulunga!' Waqhuba umntwana ezintyintya ngotywala, ecinga ukuba unelungelo kwiipokotho zabantu. Sibhala nje lowo wayezingca ngobu bukhusi ukhangeleka ngathi ngumntu onovalo yaye ukuba ebeyinkomo ngesisithi sele evuswa ngamaxhayi.	55 60 65
6	Kulungile ukuba umntu alifune ilungelo lakhe kodwa lowo ufuna elo lungelo kufuneka aqinisekise ukuba ulilungele elo lungelo. Ilungelo liyakwazi ukumza kakubi umntu limbhide abhideke elifumene elo lungelo lakhe. Umntu xa afuna ilungelo lakhe kukho umbuzo ongundoqo ekufuneka ewubuzile wokuba elifuna nje elo lungelo ulifunela ntoni na. Akulunganga ukuba umntu afune ilungelo kuba elifuna nje. Umntu uyayifuna inja eyifunela ukuba mayikhonkothe kodwa inja ukuba ayibuphuhlisi ubunja bayo ngokukhonkothe ayifanelekanga nokuba ibizwe ngokuba yinja loo nto. Linjalo nelungelo. Ilungelo elililungelo nje lingakwazi kwenzela mntu nto, alinto yanto ebantwini.	70 75

[Sicatshulwe kwincwadi ethi, *UBOMI, IZITHETHE NAMASIKO*
ebhalwe nguLL NGEWU: amaphepha 27–38]

Jonga kumhlathi wokuqala

- 1.1.1 Ngokwakwiscatshulwa kuxa kutheni apho umntu kufuneka alilwele ilungelo lakhe? (1)
- 1.1.2 Yintoni engabangela ukuba abantu baphoswe ngokupheleleyo ngamalungelo abo? (1)

1.1.3 Khankanya izinto zibe MBINI umbhali akufanisa nazo ukulwela ilungelo elingamfanelanga nelingamlungelanga umntu. (2)

1.1.4 Ngumntu onjani omele ukuxhamla ilungelo? (1)

Jonga kumhlathi wesibini

1.1.5 Isivakalisi esilandelayo sivelisa ntoni ngelungelo?

Impazamo iyenzeka ukuba umntu acinge ukuba into elilungelo lakhe iyimfanelo yakhe ubomi bakhe bonke naxa loo nto ingasamenzeli nto. (1)

1.1.6 Yintoni ekufuneka ukuba umntu abe nayo ukuze asoloko enelungelo entweni ngalo lonke ixesha? (1)

Jonga kumhlathi wesithathu

1.1.7 Ungabonwa njani ngabantu xa unokucela ukulima amasimi angasalinywayo ngabantu bawo? (1)

1.1.8 Siveza ntoni isivakalisi esibhalwe ngqindilili kulo mhlathi? (2)

1.1.9 Nika ingongoma ephambili yalo mhlathi. (2)

Jonga kumhlathi wesine

1.1.10 Yintoni unobangela wokuba ilungelo libe yingozi? (1)

1.1.11 Nika intsingiselo yegama, **'ukubanjiswa'** ngokwalapha kwisicatshulwa. (2)

1.1.12 UMabhozo wayesiya nje esikolweni engenaxesha lamfundo. Ngqina oku ngokwakwisicatshulwa. (2)

Jonga kumhlathi wesihlanu

1.1.13 Ungathi ngabantu abanjani la maphakathi ayexhasa uMabhozo xa efuna isikhundla sokuphatha ngenkani. (1)

1.1.14 Simo sini abe naso uMabhozo akuba ephethe? (1)

1.1.15 Uyavelana noMabhozo xa sele ephela ekwimo yokuba angaphathwa ngamaxhayi? Xhasa impendulo yakho. (2)

Jonga kumhlathi wesithandathu

1.1.16 Ubaluleke ngantoni umbuzo athi umbhali ungundoqo xa ubani efuna ilungelo? (1)

1.2 ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO



[Ucatshulwe kwi-intanethi-www.cartoonstock.com]

- 1.2.1 Kuphi kule ndawo akuyo lo mntu ukulo mfanekiso? (1)
- 1.2.2 Ucinga ukuba kutheni lo mntu ejonge phandle? (2)
- 1.2.3 Ibonisa ntoni inkangeleko yobuso bomntu okulo mfanekiso? (2)
- 1.2.4 Kutheni zixubile iinwele zalo mntu usemfanekisweni? (1)
- 1.2.5 Zahluka ngantoni izicatshulwa A no B? (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO**UMBUZO 2**

Funda ngocoselelo ISICATSHULWA esingezantsi. Kwesi sicutshulwa kuthethwa ngokutshintsha kwamaxesha.

QAPHELA: Kulindeleke ukuba wenze oku kulandelayo:

1. Shwankathela ngawakho amazwi ungacaphuli njengoko kubhaliwe kwitekisi.
2. Ipendulo yakho mayingadluli kumagama angama-70.
3. Shwankathela ngomhlathi kuphela.
4. Akulindelekanga ukuba ubhale isihloko sesishwankathelo.
5. Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko.
6. Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

BAZALI! AMAXESHA NGAMANYE

- | | | |
|---|---------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------------|----|
| 1 | Abazali baxakene nenzala yabo ngenxa yokungavisisani ngezimvo malunga nezinto ngezinto zobomi. Namhlanje umzi oNtsundu umi nematha. Woba ngangena kulo umzi ufike abazali benezingqala. Isikhalo sinye sesokuba abantwana beli xesha abeva, banenkani, benza unothanda. Abantwana bayazihleka iingcebiso eziphuma ebazalini kanti nabazali kwelabo icala bazithatha njengobuvuvu izizathu ezibekwa ngabantwana. Abantwana bangoku aboyiki ngokoyikiswa, ngamadela-kufa angamatsha-ntliziyo. | 5 |
| 2 | Kumaxesha angaphambili kwaXhosa, kusalawula isiko nesithethe, intetho yomzali ibingaphikiswa ngumntwana. Nantoni na engatshongo khona ibilindelekile enkwenkweni. Imicimbi edla umzi ibixoxelwa komkhulu ngamadoda ngomhla wembizo, abafazi nabantwana bengangeni ndawo. Umntwana ubeyazi kakuhle indawo yakhe kungenakubakho mpazamo. | 10 |
| 3 | Siphulukana namasiko nezithethe zethu sijongile egameni lenkqubela-phambili. Abantwana bangoku imicimbi edla umzi bayithabathela kubo kuba besithi abazali basenengqondo yobukhoboka. Abazali bayakhala bathi kwakungenje ngelabo ixesha. | 15 |
| 4 | Abazali mababavule abantwana baphalaze izimvo zabo malunga nezinto-yinto zobomi. Akuba egqibile umntwana ukulubeka uluvo lwakhe, makathathe apho umzali ambonise ngobuchule eyona ndlela acinga ukuba yiyo, ngokwamava akhe. Ingathi bubulumko ukuba abazali bangabangxameli abantwana bangabagrorisi, bazeke kade umsindo. | 20 |
| 5 | Yinyani engenakuphikiswa into yokuba ngumsebenzi womzali ngamnye ukukhulisa umntwana wakhe ngendlela efanelekileyo neyamkelekileyo. Leyo indawo ingqinwa lihlabathi liphela. Yiyo le nto wofika umzali exelela umntwana le nale malunga nendlela yokuziphatha. | 25 |

6 Abazali mayibacacele into yokuba abantwana bangoku banazo iingxaki ezithile ezizezabo ekungafunekanga zithatyathwe njengemfitshimfitshi. Kudala ingxaki yomntwana ibiyinto esiwa phantsi kwempumlo kuphela. Kukho abazali abasenezo ngqondo nangoku, abangafuniyo ukuyamkela imeko yangoku. Zininzi izinto eziphazamisa iingqondo zabantwana bangoku ezazingekho ngaphambili, ezibangela ukuba imisebenzi yabo yasemakhaya nasesikolweni bangayenzi ngocoselelo. 30

7 Abantwana mabayiqonde into yokokuba impucuko ayithethi ukuba makuyekelelwe kunganqandwa nto. Inkululeko kufuneka ibe nemida hleze ilahlekwe yintsingiselo yayo igqibele seyibubundlavini. Izinto ezinjengembeko, ubuntu, ukunyaniseka, inkuthalo, uxolo, uthando azinakutshintsha koko ziya kuhlala zimi kude kube sekupheleni kobomi. 35

[Sicatshulwe kwincwadi ethi 'AMAXESHA EMPUCUKO SISINGISE PHI NA?' ebhalwe uM. YEKELA: amaphepha [9–12]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**UMBUZO 3: UKUCAZULULA ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Funda esi sibhengezo-ntengiso singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**KWAGEQ'UMGADA-IKLINIKI YEZILWANYANA EJIKELEZAYO
ZINAMALUNGELO NAZO!**

Yiza nazo ungaziyeki zibulaleke zizifo! Sineengcungela zoogqirha abadume jikelele ekunyangeni zonke izifo zezilwanyana.

Nezakho ziya kuba sempilweni. Gxabhagxabhisa uzise isilwanyana sakho esidinga uncedo kungekadlulwa kwindawo yakho.



[Qhagamshelana nathi kule dilesi: www.animalhealthcare.com, okanye utsalele umnxeba kule nombolo: 060 450 1234]

- 3.1 Kwaziswa ngantoni kwesi sibhengezo-ntengiso? (1)
- 3.2 Sijoliswe koluphi uluhlu lwabantu? (1)
- 3.3 Isihloko sesibhengezo-ntengiso esithetha ngomgada sizalana njani nezilwanyana ezisemfanekisweni? (2)
- 3.4 Iimpawu zokhuzo ezikwesi sivakalisi silandelayo zisetyenziselwe ntoni? (1)
- 'Yiza nazo ungaziyeki zibulaleke zizifo!' (1)

3.5 Kwesi sivakalisi 'Gxabhagxabhisa uzise isilwanyana sakho esidinga uncedo kungekadlulwa kwindawo yakho, kusetyenziswe ...'

Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.

- A Ulwimi oluqhathayo
- B Ulwimi oluphazamisayo
- C Ulwimi oluqweqwedisayo
- D Ulwimi oluchukumisayo (1)

3.6 Bhala esi sivakalisi silandelayo sibe kwingxelo-ntetho.

'Fika ingekadluli ikliniki ejikelezayo', sitsho isibhengezo.

Qala ngolu hlobo. Isibhengezo ... (1)

3.7 Ingaba esi sibhengezo siluncedo njani eluntwini? (1)

3.8 Yintoni injongo yomthengisi ngokusebenzisa ibinzana 'zinamalungelo nazo'? (2)
[10]

UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI[Icatshulwe kwi-intanethi-www.google.com]

- 4.1 Lisisigaba sini sentetho igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwiqam loku-1? (1)
- 4.2 Nika imthombo EMIBINI yolwazi esetyenziswa ngabantu abakule khathuni. (2)
- 4.3 Yeyiphi intsingiselo ephuhliswa kukusetyenziswa kwesaci, 'amehlo awaphakelani' kwisivakalisi esingezantsi?
Niya kundixolela bethu ngendlela endibone ngayo lo mcimbi kaloko amehlo awaphekalani. (2)
- 4.4 Iveza ntoni ngaba bantu bakule khathuni imo nezixhobo ezikulo mfanekiso? (1)
- 4.5 Iphuhlisa ntoni ngaye intetho yomntu okwiqam lesi-2? (2)
- 4.6 Ncoma okanye ugxeke intetho yomntu okwiqam loku-1. (2)
- [10]**

UMBUZO 5: ISICATSHULWA**UDYAKALASHE NEDAMA LEENYAMAKAZI**

Kwaye kukho imbalelakazi enkulu. Iinyamakazi zasendle zadinga amanzi okusela. Zagqiba ukuba zenze idama lamanzi. Zagqiba ukuba zenze intlanganiso, zixoxe ukuze zenze indawo yokufumana amanzi.

Yaphumelela intlanganiso. Umhlalingaphambili yayinguMfene, into ka-Adonisi. Usihlalo wawuchaza umcimbi osetafileni, echaza unobangela wokuba kuhlanguwe namhlanje. Uyicacisile into ebangela ukuba kufuneke iinyamakazi zibe nelazo idama **ukuze** zingakhathazwa ngabantu. Emva kokuba ethethile kuphakame uDyakalashe wabuza ukuba ingaba uFudwazana noMaqaqa baza kumba nabo na. Wavuma uMfene.

UDyakalashe wathi ukuba kunjalo yena akasayi kusela kulo manzi Ubuzile usihlalo namanye amalungu entlanganiso ukuba kungokuba yena eya kusela phi na. 'Mna ndiya kusela emilanjani nakwamanye amadama', waphendula uDyaki. Ubuye wabuza uNgonyama ukuba mhla amanye amadama nemilambo ingenamanzi uya kuthini na uDyakalashe. Waphendula wenjenje uDyakalashe, 'Hayi ke, mhlekazi, xa kunjalo ndakusela apho ndithanda khona, kakade ndinelungelo lokusela naphi na.'

Zonke iinyamakazi zavuma ukumba idama. Lagqitywa ukutshona kwelanga. Ngobo busuku yafika imvula, yana kakhulu, kwazala imilanjana namadama. Emva koko laphinda labalelela kakhulu ilanga.

[Sicatshulwe kwincwadi ethi *KUSADLIWA NGENDEB' ENDALA* ebhalwe nguCK Moropa noDM Tyatyeka: iphepha 16, saza sahlelwa.]

- 5.1 Chonga igama elisetyenziswe njengenjongosenzi kwesi sivakalisi silandelayo. Iinyamakazi zasendle zadinga amanzi okusela. (1)
- 5.2 Bhala esi sivakalisi silandelayo sibe kwixesha elizayo. Zagqiba ukuba zenze idama. (1)
- 5.3 Nika intsingiselo eziswa kukusetyiswa kwesimamva esibhalwe ngqindilili. Uyicacisile into ebangela ukuba kufuneke iinyamakazi zibe nelazo idama. (1)
- 5.4 Sebenzisa igama u'nangona' ukudibanisa ezi zivakalisi zilandelayo. Izilwanyana zazenzela idama lazo. Izilwanyana zazingaphelelanga. (1)
- 5.5 Bhala esi sivakalisi silandelayo sibe kuhlobo lokuyalela. UDyakalashe uyaphakama. (2)

- 5.6 Lungisa iziphene kwesi sivakalisi silandelayo.
UDyakalashi wathi ukuba kunjalo yena akasayi kusela kulo manzi. (2)
- 5.7 Sisetyenziselwe ukubonisa ntoni isakhi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esilandelayo.
Kwazala imilanjana namadama. (1)
- 5.8 Khetha intsingiselo yeqhalo, 'iqaqqa aliziva kunuka' kwezi zilandelayo.
A Umntu akakwazi kuzibona iziphene zakhe.
B Umntu akaziboni izinto ezintle kuye.
C Umntu akaziboni izinto ezimbi kwabanye.
D Umntu akaziboni izinto ezintle kwabanye. (1)
- [10]**

AMANQAKU ECANDELO C: 30
AMANQAKU EWONKE: 70